**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Izincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Imihlathana emide | (30) |
| ICANDELO C: | Imihlathana emifutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo OMNYE kwicandelo NGALINYE.

3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise umsebenzi wakho (umzekelo: imephu yeengcinga / umzobo / imizobo ebonisa ukuthungelana kweziganeko / amagama angundoqo, njalo-njalo), wandule ukuwufundisisa uwuhlele. (Kunyanzelekile ukuba uyilo LUKHOKELE isincoko.)

6. Kunyanzelekile ukuba zonke izicwangciso zakho uzibhale ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca ukohlula uyilo kwisihloko kumhlathana ngamnye.

7. Uyacetyiswa ukuba icandelo ngalinye ulabele ixesha ngolu hlobo:
   ICANDELO A: imizuzu engama-80
   ICANDELO B: imizuzu engama-40
   ICANDELO C: imizuzu engama-30

8. Nombola imibuzo yakho ngendlela enonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esifanelekileyo.
   QAPHELA: Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo kwisincoko / kumhlathana.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

    Ubude beempendulo:

11. ICandelo A: Izincoko 340 — 390 amagama.

12. ICandelo B: Imihlathana emide 100 — 120 amagama (umxholo kuphela).

13. ICandelo C: Imihlathana emifutshane 80 — 100 amagama (umxholo kuphela).

## ICANDELO A: IZINCOKO

## UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-340 ukuya kuma-390 kwisincoko ngasinye.

1.1 Wonke ubani uneminqweno azabalazela ukuyiphumeza ukuze ikamva lakhe liqaqambe. Bhala isincoko esinesihloko esithi, "Iminqweno yam ngekamva lam". **[50]**

**OKANYE**

1.2 Akunkwenkwe akuntombi bonke batsibe ilitye likaphungela umonakalo uphina? Bhala isincoko ungqine okanye uphikise olu luvo. **[50]**

**OKANYE**

1.3 Bhala isincoko esithi, "Ndiyazingca kwaye ndinebhongo neqhayiya ngolwimi lwam". **[50]**

**OKANYE**

1.4 Bhala isincoko esiphuhlisa le ntetho ithi, "Ubude abuphangwa." **[50]**

**OKANYE**

1.5 Imihla nezolo yimingcelele noqhankqalazo ngenxa yokusilela kukaRhulumente ukusa iinkonzo ebantwini. Ingaba sisisombululo esi kusini na. Veza uluvo lwakho. **[50]**

**OKANYE**

1.6 Abantu bazenzela imali ngokuthengisa umculo weemvumi ezitalatweni / emgaqweni. Ingaba esi senzo usibona siyindlela eyiyo yokuziphilisa? Veza olwakho uluvo ngalo mba. **[50]**

**OKANYE**

1.7 Qwalasela le mifanekiso wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



**[50]**

**OKANYE**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

### UMBUZO 2

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-100 ukuya kwali-120 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

2.1 **ILETA YASEBURHULUMENTENI**

Bhalela umzimveliso obuxhasa abafundi besikolo sakho ngokubasa kumaziko okuphuhlisa izifundo zabo, ubabulele ngendima abayidlalileyo ekonyuseni izinga leziphumo zebanga leshumi elinambini. **[30]**

**OKANYE**

2.2 **INTETHO**

Abazali bakho bakwenzele itheko lokugqiba iminyaka engama - 21 uzelwe. Kulindeleke ukuba ube namazwi owaphosayo ukubulela indlela abakukhulise ngayo nenkxaso yosapho ngokubanzi. Yibhale phantsi loo ntetho yakho. **[30]**

**OKANYE**

2.3 **IMEMORANDAM**

Benibambe intlanganiso ningabafundi bebanga leshumi elinanye nixoxa ngenkxaso eninokuyinika abafundi bebanga leshumi elinambini ukuze baphucule iziphumo zabo, bafumane nethuba elaneleyo lokufunda. Njengonobhala owonyuliweyo, bhalela inqununu yesikolo sakho imemorandam uphalaze olu luvo ninalo. **[30]**

**OKANYE**

2.4 **IRIVYU**

Ungumfundi othanda ukuchitha ixesha ufundela ulonwabo. Bhala irivyu yenye yeencwadi ozifundileyo. Ngaphandle komxholo, chankcatha kuzo zonke iinkalo zokubhalwa kwerivyu. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama angama-80 ukuya kwali-100 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

3.1 **ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Ulilungu lombutho wokwenyusa ingxowa esikolweni sakho. Nineshishini lokuthengisa izimuncu-muncu ukonyusa ingxowa yenu ukuze nikwazi ukwambesa abanye abafundi abahlelelekileyo. Bhala isibhengezo-ntengiso seli shishini lenu. **[20]**

**OKANYE**


3.2 **I-IMEYILE**

Ube nethamsanqa lokufumana inkxaso-mali yokufunda. Uthunyelwe eNgilane, kwaye uziva ukhumbule umhlobo wakho osenyongweni. Mbhalele umyalezo uwuthumele nge-imeyile. **[20]**

**OKANYE**

3.3 **IMIYALELO**

Ulindele isihlobo sakho esihlala eTombo esiza kukutyelela kowenu eMount Frere, siza kube sisiza okokuqala siqhuba imoto. Asiyazi indlela eya. kowenu. Sebenzisa le mephu ilandelayo xa ubhala. Bhala umyalelo usiyalele indlela emasihambe ngayo ukuza kufika kule ndawo ukuyo. Chaphazela iidolophu, iindawo, iziphambuka, imilambo neebhulorho aza kuziwela. **[20]**




**AMANQAKU ECANDELO C: 20**

**AMANQAKU EWONKE: 100**